

Isikhumbuzo seziqhibo zalo 1261 (1999) yomhla we25 August 1999, 1265 (1999) yomhla we17 September 1999, 1296 (2000) yomhla we19 April 2000 kunye ne1314 (2000) yomhla we11 August 2000, kunye neentetho zikamongameli ezimxholo mnye. Kukhumbulwa kwakhona Intetho ka mongameli kumaphepha ndaba ngomcimbi we zizwe ezimanyeneyo wosuku lwamalungelo omama kunye noxolo lwezizwekazi jikelele lomhla we8 March 2000 (sc/6816).

Kukhunjulwa kwakhona nezibophelelo zeBeijing declaration and platform for action (a/52/231) kunyenezo ziyinxalenye yencwadi yendibano yesithathu yezizwe ezimanyeneyo ethiywe nokuthi yi women 2000 gender equality development and peace for twenty first Century” (a/s-23/10rev.1), ingakumbi ezo zichaphazela omama nabantwana kunye nengxabano ehambisana nezixhobo.

Ikhumbula imisebenzinemithetho yomthethosiseko wequmrhu lezizwe ezimanyeneyo kunye nomsebenzi ongundoqo wequmrhu lezokhuselo phantsi komthethosiseko wokugcina uxolo nokhuseleko.

Ichaza ukuba abahlali ingakumbi omama nabantwana basisixa esikhulu sabo. Bachaphazeleka ngondlela engalungagnga yingxabano ehambisana nezixhobo, ichaphazela kunye nabafuduki eyingabo abangamakhoba, kwaye iqaphela neziphumo ezibangelwa yi lonto kuxolo noxolelwaniso.

Igxininisa ukubalulekakendima edlalwa ngomama ekupheliseni odushe nasekwakheni uxolo, igxininisa nokubaluleka kokuthatha kwabo inxaxheba kwimizamo yokugcina nokukhuthaza uxolo nokuselo, nokufuneka kokuba babe yinxalenyeyezigqibo ezithathwayo, nokugoma, nodushe, nokulungiswa kwezinto.

Iqinisekisa nezidingo sokubeka umthetho woluntu okhusela amalungelo omama namantombazana enveni kodushe.

Igxininisa nesidingo sokuba imibutho iqinisekise ukuba iinkqubo zofundiso ngokhuseleko emigodini ifikelela nezidingo zomama namantombazana.

Iqaphela nesidingo esingxamisekileyo sokufakelela isimo sobuni kwimigudu yoxolelwaniso kwaye Kolomba iqaphela nesaziso kunye nesigqibo nkqubo sokunxibelelanisa isimo sobuni kwinkqubo zokhuthaza uxolo.

Iqaphela nokubaluleka nesincomo sikamongameli kwintetho yakhe kumaphephandaba ngomhla we 8 march 2000 soqeqesho olukhethekileyo sabagcini luxolo kukhuseleko, isidingo namalungelo omama nabantwana kumaxa odushe. Iqaphela nokuba ukuqonda iziphumo zodushe komama namantombazana. amalungiselelo okuqinisekisa ukhuseleko nokuthatha inxaxheba ngokupheleleyo kwinqubo yoxolo angadlala indima ebalulekileyo ekugcineni nokukhuthaza uxolo kwilizwe nomhlaba jikelele. Iqaphela nesidingo soku dibanisa imiqulu engendima edlalwa ludushe komama namantombazana.

1. Ikhuthaza amazwe ayinxalenye ukuba aqinisekise ukwanda komama abathatha inxaxheba ekuthatheni iziqhibo kwilizwe, ingingqi nakumazwekazi, kumaqumrhu, nakwimigudu, yokugoma, ukuphatha. Nokuqhuba kunye nokuphelisa udushe.

2. Ikhuthaza unobhala jikelele ukuba, aqhubele phambili noyilo lwakhe lokuthatha amanyathelo.
3. Ucela unobhala jikelele onyule omama abaliqela nje ngabameli, kwaye nje ngezithunywa zombuso ukuqhubeka ngomsebenzi. Kwicala lakhe ucele amalungu ezizwe ukuba athumele abaqhatwsa kunobhala jikelele.
4. Kwakhona ucele unobhala jikelele ukuba andise indima nogalelo lomama kumbutho wezizwe ezimanyeneyo, ingakumbi kwicala lobuntlola emkhosini, kumapolisa.
5. Ucacise ukufuna ukudibanisa isini kwicala lokugcina uxolo, ucela unobhala jikelele aqinisekise ukuba , apho kulunge khona ukuba inkqubo yamajoni emkhosini iqulatha Isini sonke.
6. Ubongoza unobhala jikelele ukuba anike amalungu ombutho imigaqo yoqeqesho, nempahla yokhuselo, infuno nevume ingakumbiezo mama, kwaye nokubaluleka kokufakwa komama kuphulo logcinoxolo, nokwakha indlela yogcinoxolo. Wacela amalungu ombutho ukuba afake uqonda ngengculazi kwinqubo yabo yonyaka, Kumajoni, nakumapolisa, ukulungiselela ukumiselwa kwemfazwe. Ucele unobhala jikelele ukuba abaphathi kwicala logcinoxolo bafumane uqeqesho olufanayo.
7. Ucele amalungu ombutho adise isixa kunikelo mali, ubigcisa, nolungiselelo lwenxaso yemikhosi emfazweni, noqeqesho komama ingakumbi kwimaliyezizwe ezimanyeneyo kwicala lomama nabantwana, nakwicala lembacu kumbutho wezizwe ezimanyeneyo.
8. Umeme bonke abadlali abakhoyo , xa kuxoxwa, naxa kuphunyezwa isivumelelwano soxolo, ukuba anikele omama infuno namantombazana xa bebuyiselwa kumazwe abo okuzalwa, kwindawo ezintsha zokuhlala, ukubuyiselwa kwemeko yesiqhelo, kumanyo, nakwixesha lemfazwe elidlulileyo.
9. Ucele bonke aba manyekayo kungquzulwano lwezixhobo ukuba bahloniphe ngokupheleleyo amalungelo nokhuseleko lomama namantombazana. Njenga bengekho emkhosini, ingakumbi infanelo esebenzayo kubo phantsi kwe ngqungquthela yase Geneva yango1949, nemithetho eyengezelelwayo yokuphatha yango1977, nengqungquthela yembacu yango1951, nemithetho yokuziphatha yango1967, nengqungquthela yokhuseleko -5 nocwecwe elakhutshwayo Sc/69424213 lentlanganiso yange31 October 2000, ekukhutshweni kwengxelo zouke Zobuhlanga komama ngo1979 nemithetho yokuziphatha ka1999, nengqungquthela Yezizwe ezimanyeneyo yamalungelo abantwana ka 1989 kunye nomgaqosiseko wokuziphatha ka25 May 2000. kukhunyulwe neziseko zomthetho wamaRoma Wenkundla Yamazwe Yamatyala.
10. Izimemezo kwimibutho ebandakanyekayo kudushe lwezixhobo, zokuba kuthathwe amanyathelo ekukhuseleni abasethyini namantombazana kubundobongele bocalucalulo ngobuni, ingakumbi ukudlwengulwa nezinye indlela zempathombi ngokwescndo.
11. Igxininisa nendima emayidlalwe ngamazwe ekupheliseni ukuphuncuka kwabenzi bobubi nokubohlwaya, abo babulalayo, bengcungcuthekisa uluntu besophula umthetho, ngenxa yemfazwe, nezo zoyamane nokuphathwa kakubi ngesondo kwabasethyini namantombazana, igxininisisa nesidingo sokuzibela bucal ezindlela zolwaphulo mthetho apho kukwazekayo nenxa yomthetho woxolelo.

12. Imemela imibutho ebandakanyekayo kudushe, ihloniphe abo, bangengo malungu emikhosini kwinkampi zembacu nendawo abahlala kuzo, nokuqaphela izidingo zabasethyini namantombazana kwiziseko zawo. ikhumbule izigqibo zawo 1208 (1998) yange 19 Novemba 1998.
13. Ikhuthaza abobayinxalenye yoyilo lonciphiso mikhosi yokuphelisa udushe nokubuyelana ukuba base iliso kwizidingo zabo, baxhomekeke kubo.
14. Iqinisekisa ngoku lungelakwayo nanini amanyathelo amkelwe phantsi komqulu 41 womgaqosiseko wezizwe ezimanyeneyo ukuba ise iliso kwiziphumo ezingabangelwa ngawo, kwabo bebengeyinxalenye yemikhosi, ikhumbula nezidingo ezikhethekileyo zabasethyini namantombazana, iqaphela ukungechaphazeleki koluntu ngokomthetho.
15. Izixhela umbilini icacisa ukuzimisela kwayo ukuqinisekisa ukuba, imigudu yequmrhu lezokhuselo iqaphela amalungelo abasethyini ngokusebenzisana nemibutho yabasethyini, kumhlaba wenkaba nasemaphandleni.
16. Imema unobhala jikelele ukubaenza uphando ngeziphumo zodushe kwabasethyini namantombazana. Indima yabasethyini ekwakheni uxolo nengxa zobuni, kwimigudu yoxololwaniso nokwakha uxolo. Kwaye imema ukuba anike ingxelo kwiqumrhu lezokhuselo ngeziphumo zophando lwakhe aze ayinikele nakumalungu Karhulumente wezizwe ezimanyeneyo.
17. Icela ukuba unobhala jikelele apho kulungele khona afake nengxelo ngenkqubela phambili, ubuni kwinkqubo zokugcina uxolo jikelele neminye imiba echaphazela abasethyini namantombazana.
18. Igqiba ekuhlaleni ifake isandla.